Isalathiso: 20190827-8480
Inombolo yefayili: 13/7/1/2
Imibuzo: C Klopper

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0008/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi beZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

ISihloko: Umnyinyiva okhethekileyo wokuxolelwa kwabafundi beBakala 12 abalandela ikhondo lezifundo zobugcisa *(technical pathway)* kunye nabanye abafundi ababhalisela i-*Physical Sciences* ngaphandle kweMathematika

1. ISebe leMfundo esiSiseko (ISebe i*DBE*) liqaphele ukuba abanye abafundi abawuthobeli umqathango omiselweyo omalunga nokudityaniswa kwezifundo okuyimfuneko.

2. Kukho abafundi kwiBakala 12 abalandela ikhondo lezifundo zobugcisa:
   a) ababhalisela i-*Mathematical Literacy* endaweni ye*Mathematics* okanye i-*Technical Mathematics*;
   b) abangabhaliselanga i-*Physical Sciences* okanye ii-*Technical Sciences*; kunye
   c) nabangabhaliselanga i-*Engineering Graphics and Design (EGD*).

3. Ngaphezulu, kukho abafundi ababebhalisele ii-*Physical Sciences* kunye ne-*Mathematical Literacy* endaweni ye*Mathematics*.

4. Makuqatshelwe ukuba abafundi abakhankanywe kwimihlathi 2 no-3 apha ngentla, abayi kufumana ziphumo yaye abayi kungqinisiswa ngu-Umalusi ngokunikwa izafikethi kunyaka weBakala 12.

5. Xa kuthathelwa ingqalelo inyaniso yokuba aba bafundi bacetyiswe **ngokungachanekanga** zizikolo, uMphathiswa weSebe leMfundo esiSiseko kuZwelonke uwuvumile umnyinyiva okhethekileyo wokuxolelwa **kwabafundi beBakala 12 bangoku ngo-2019 kuphela,** ekubhekiswa kubo kumhlathi 2 no-3.

6. Lo mnyinyiva **awuyi kunatyiselwa (*extended*)** ngaphaya ko-2019.

7. Lo mnyinyiva **awusebenzi (*not applicable*)** kuye nawuphi na umfundi weBakala 10 okanye 11 owenza izifundo ezidityanisiweyo ezingachanekanga.

8. Ingcaciso kwi-*CEMIS* ibonisa ukuba kukho abafundi bamaBakala 10 no-11 abenza ngoku izifundo ezidityanisiweyo ekubhekiswa kuzo kwimihlathi 2 no-3.

9. Kucelwa iinqununu ukuba zisebenzise i-*Error Report function* kwi-CEMIS ukuqaphela abafundi bamaBakala 10 no-11 abenza ngoku izifundo ezidityanisiweyo nabazingazithobeliyo iimfuno ezimiselweyo zomgaqo-nkqubo.

10. Kulindeleke ukuba nabaphi na abafundi bamaBakala 10 okanye 11 bazitshintshe izifundo zabo abazenzayo ukungqinelana neezifundo ezidityanisiweyo lo gama bekumaBakala 10 okanye 11, njengoko aba bafundi bengayi kufumana ziphumo yaye bengayi kungqinisiswa ngu-Umalusi ngokunikwa izafikethi.

11. Kucelwa iinqununu ngokunjalo ukuba ziqinisekise ukuba abafundi bayazifezekisa iimfuno ezimiselweyo zokungena kwiSigaba i-*Further Education and Training Phase* kumaBakala 10 -12, xa bekhetha izifundo zabo kwiBakala 9.

12. Kucelwa wazise ngale ngcaciso kubo bonke abafundi bamaBakala 10-12, ootitshala, nabazali ukuze bayithathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA : 2019-08-30